# UMGAQONKQUBO WOKULUNGISWA KWEMBONAKALO YEYUNIVESITHI YASESTELLENBOSCH

| | |
|---|---|
| **Type of document:** | Policy |
| **Approved by:** | Council |
| **Date of approval:** | 9/27/2021 |
| **Date of implementation:** | 1/1/2022 |
| **Date of next revision/frequency of revision:** | Every five years |
| **Previous revisions:** | None, new policy |
| **Policy owner[1]:** | Vice-Rector: Social Impact, Transformation and Personnel |
| **Policy curator[2]:** | Registrar; Senior Director: Social Impact and Transformation |
| **Keywords:** | visual redress, visual representation, policy, transformation, decolonisation, stakeholders |
| **Validity:** | The English version of this regulation is the operative version, and the Afrikaans version is the translation. |

[1] Rules Owner: Head(s) of Responsibility Centre(s) in which the rules functions.
[2] Rules Curator: Administrative head of the division responsible for the implementation and maintenance of the rules

UMGAQONKQUBO WOKULUNGISWA KWEMBONAKALO YEYUNIVESITHI YASESTELLENBOSCH
Inguqulelo yesiNgesi yeyona nguqulelo isesikweni yolu xwebhu.

| | |
|---|---|
| Inombolo yesalathiso yolu xwebhu | |
| Ihlelo leHEMIS | |
| Injongo | Ukukhokela ukumiswa ngendlela okanye ukulungiswa kuquka neenkqubo ezinxamnye nokuthiywa ngokutsha kwezakhiwo, iindawo zeendibano nezinye izixhobo kwaneendawo ezizezinye ezikumhlaba weYunivesithi yaseStellenbosch |
| Uhlobo loxwebhu | Umgaqonkqubo |
| Ukufikeleleka | Ngokubanzi (ngaphandle nangaphakathi) |
| Umhla wokuphunyezwa kwalo mgaqonkqubo | 1 Januwari 2022 |
| Umhla wohlaziyo | Rhoqo kwisithuba seminyaka emihlanu |
| Uhlaziyo lwangaphambili | Alukho (lo mgaqonkqubo mtsha) |
| Umnini walo mgaqonkqubo | USekela-Ngqonyela: Ifuthe kwezeNtlalo, iNguqu nemiba yabaSebenzi |
| Igosa leli ziko (umgcinimafa) ojongene nalo mgaqonkqubo | Umbhalisi<br>UMlawui oyiNtloko: Ifuthe kwezeNtlalo neNguqu |
| Umhla wokuvunywa | 27 Septemba 2021 |
| Wamkelwe | Libhunga leYunivesithi yaseStellenbosch |
| Amagama angundoqo | Ukulungiswa kwembonakalo, ukuvezwa kokubonwayo, ukutshatyalaliswa kobukoloniyali, umgaqonkqubo, abachaphazelekayo |

## 1. Intshayelelo

Umbono ka2040 neSakhelo sobuChule sika2019–2024 zicacisa ubume beYunivesithi yaseStellenbosch njengeyunivesithi yoMzantsi Afrika engungqa phambili kuphando nzulu, nefumaneka kwizwekazi leAfrika, kodwa ibe inokufikeleleka kwihlabathi jikelele.[1] Injongo yoMgaqonkqubo wokuLungiswa kweMbonakalo kukunika ingcaciso ethile kuMbono ka2040 weSU, kube kujoliswe ekuzinziseni iSU njengeyunivesithi edandalazisa okunxamnye nembonakalo yayo, njengenkqubo engemanga ndaweni nye yokulungisa izinto, kujongwe imeko yayo ngokwasekhaya nangokwehlabathi ngokubanzi.

Ukusukela kumyaka ka2015, uqhankqalazo lwabafundi phantsi kweebhanile zika#Rhodesmustfall, #OpenStellenbosch kunye no#Feesmustfall, phakathi kwezinye, ziye zaveza ukubaluleka kotshintsho, ubukhulu becala kumaziko emfundo enomsila noqeqesho eMzantsi Afrika. Indlela oluyiyo olu tshintsho ixananazile, kwaye nanjengokoko iintshukumo zabafundi yayiba yeyona nkuthazo eyakhulisa ukubaluleka kokulungiswa kwezinto, utshintsho kumaziko emfundo enomsila kudala lingumba ophambili weengxoxo, kusukela oko kwangena ulawulo lorhulumente wesininzi ngomnyaka ka1994 – phofu ke naphambi kwangoko, oku kusenzeka okanye kubonakala kuqhankqalazo

[1] Umbono waseSU neSakhelo sobuChule sika-2019–2024: http://www.sun.ac.za/english/about/Pages/Strategic-Documents.aspx?TermStoreId=d4aca01e-c7ae-4dc1-b7b2-54492a41081c&TermSetId=e2594d35-01e6-475a-9355-14d13be20b5d&TermId=5b45c78b-1f53-4676-b8de-457df7a28c29

olwalujolise ekulweni nocalucalulo.[2] Kumele kuxatyiswe nokuba iiyunivesithi zoMzantsi Afrika, ziye zakuvumela ngohlobo oluthile ukususwa kwemiqondiso enxunguphalisayo ezikhampasini ukusukela kwiminyaka esemva ko1990.

Ngokubhekiselele kumgaqonkqubo weyunivesithi eMzantsi Afrika, ukudingeka kotshintsho kugxile kumagama angundoqo afana nala, 'inguqu' kunye 'nokulungisa', zibe ke zona iintshukumo zabafundi zazivakalisa amagama afana 'nokubhangiswa kobukoloniyali'. Uqhankqalazo kuquka neentetho ezimalunga nokubhangiswa kobukoloniyali, ziye zatsala umdla ekubeni kubekho utshintsho oludingekayo ekutshintshweni kwekharityhulam (ukubhangiswa kobukoloniyali ekuzuzweni kwengqiqo yolwazi) kuquka nokwahluka ngokwemveli kwabasebenzi nabafundi kwiiyunivesithi (inguqu egxile kwimbonakalo kula maziko).
Eyona nto kugxilwe kuyo kulo mgaqonkqubo *kukulungiswa kwembonakalo* eSU, umzekelo, kubhekiselelwe ngakumbi koko kubonakala ngokucacileyo kwindlela ezimi ngayo izinto, imizobo ebonakalayo kwanemiqondiso ebonakalayo apha ngaphakathi kumhlaba waseSU. Ngokwale meko, iSU iyakuvuma ukuba imiqondiso ebonwayo ivuselela iimvakalelo namava ohlukileyo phakathi kwabantu, ingakumbi kwilizwe elineentlanga ezahlukileyo nelinembali yeyantlukwano njengelizwe loMzantsi Afrika.[3]
UMgaqonkqubo ongokuLungiswa kweMbonakalo nguwo oza kukhokela ngendlela eyiyo utshintsho lokubonwayo kwiikhampasi zaseSU, oku kusenziwa ngakumbi ngokufakelwa kwemizobo nemifanekiso yobugcisa emitsha, ukususwa okanye ukumiswa ngokufanelekileyo kwemizobo yobugcisa neminye imiqondiso enobuntununtunu ngokwembali, ukubhalwa kweempawu kwiikhampasi, ukuthiywa kwanokuthiywa ngokutsha kwezakhiwo, iindawo zokusebenzela nezinye izixhobo kwanemimandla ethile, njalo njalo. Oku kuya kunceda iSU kwiphulo layo lokwenza iinguqu ekulungisweni kwembonakalo yayo.

Nangani kunjalo ke, ukukhuthazwa kwenguqu kudinga ukuba singapheleli nje ekuthetheni ngomgaqonkqubo, koko kukholoswe ngokuba kwenziwe iiprojekthi ezizalisekisa oku kumaziko emfundo enomsila. eSU, ezo projekthi ziquka iiprojekthi zokulungiswa kwembonakalo kwimimandla yeekhampasi zethu. Eli phulo ke likhokelwa ngumthetho weSicwangciso seNguqu seSU, sona sigxile kwiintsika ezintathu: indawo, abantu neenkqubo. Lilonke ke, kucingelwa ukuba ukumiselwa kwalo mgaqonkqubo kuza kuba nefuthe elithe ngqo ekuhlaziyweni kwenkcubeko yeziko iSU nanjengoko kudandalaziswe kakuhle kwiSicwangciso seNguqu yeli ziko.

Umbono woMgaqonkqubo wokuLungiswa kweMbonakalo kuquka nokumiselwa kweeprojekthi ezahlukileyo zawo, kujolise ekubeni kuhlahlele indlela ekufundiswa nekufundwa ngayo eSU. Lo mgaqonkqubo ukwanikeza namandla othethwano phakathi kwamasebe ezifundo ezinye kwanalawo ezifundo ezahlukileyo ngokuphathelele neentshukumo zokulungiswa kwembonakalo ekhampasini kujoliswe koko kuqulathwe kwindlela ekunikezwa ngayo ikharityhulam nezinye izinto eziyinxalenye nekharityhulam kweli ziko. Iingxoxo ezimalunga nalo mgaqonkqubo kwiinkalo zokufundisa nokufunda, kuquka nokumiliselwa kwawo, kujolise ekuveliseni ulwazi oluphuhlileyo malunga neeprojekthi zokulungiswa kwembonakalo, lwazi olo luvakaliswa ekhampasini, kwaye oku kube kulindeleke ukuba kube yinkqubo eqhubekekayo nengenamida. UMgaqonkqubo wokuLungiswa kweMbonakalo kukwajolise ekuphumezeni amathuba ophando nemisebenzi eveliswa eSU ngentsebenziswano nezinye iiyunivesithi zangaphakathi nezangaphandle kwizwe lethu.

Eyona nto ibalulekileyo ngomsebenzi wokulungiswa kokubonwayo yingxoxo ebandakanyayo kwaneenkqubo ezidulisa uvumelwano kumacandelo ohlukileyo ekhampasini. Ezi nkqubo zigxininisa

---

[2] Xa ufuna ukubona isishwankathelo semisebenzi yobugcisa ehambelana nokulungiswa kwembonakalo kwiqela leeyunivesithi zoMzantsi Afrika, jonga ku-Schahmann, B. 2013. Ukuzotywa kotshintsho: Ukukhathalelwa kwenkcubeko engembonakalo kwiiyunivesithi zexesha ledemokhrasi. Johannesburg: Wits University Press.

[3] Jonga kwihttps://www.sun.ac.za/english/Lists/news/DispForm.aspx?ID=3643.

uthathonxaxheba olukhuthaza ingxoxo kwanentsebenziswano ebalulekileyo yabasebenzi ukuze kuqinisekwe ukuba ukulungiswa kwembonakalo kukhokelela kwintlalo nenkcubeko yasekhampasini ehlanganisa nebandakanya abantu bonke. Iinkqubo zomgaqonkqubo ziza kulawulwa nalulwazi oluchubekileyo lobugcisa, lobuchule nolomthetho olujolise kwimisebenzi ethile ebonwayo yenkcubeko.

Lo mgaqonkqubo udibanisa uze wenze ngokusesikweni iinkqubo ezimbini eziqhubekekayo eSU: (1) ukuthiywa okanye ukuthiywa ngokutsha kwezakhiwo, iindawo zokusebenzela nezinye izixhobo kuquka nemihlaba, nanjengoko kukhokelwa yiKomiti yoThiyomagama lweZakhiwo, iiNdawo zokusebenzela nezinye iziXhobo nemiHlaba (nechazwa apha njengeKomiti yoThiyomagama), kuquka (2) nemisebenzi yeKomiti yangoku yokuLungiswa kokuBonwayo. Ngaphezu koko, umgaqonkqubo wayamanisa le nkqubo yothiyomagama eSU kwisakhelo sokulungiswa kwembonakalo, kungoko isongeza ize iphucule ifuthe namathuba okuthiya nokuthiya ngokutsha izakhiwo, iindawo, ezinye izixhobo kwanemihlaba ekuzo zonke iikhampasi zaseSU. Zombini ezi komiti ziza kuqhuba zisebenza kodwa zigxile kwintsebenziswano yazo ethe ngqo neyenzeka ngesizathu, nenokuquka ukwabelana ngamalungu.

Kumzekelo wokugqibela, umgaqonkqubo kufuneka uveze uphawu olulodwa lokulungiswa kwembonakalo yeyunivesithi. Ngokwale meko, kufuneka kukhunjulwe ukuba ukulungiswa kwembonakalo kwenzeka apha ngokuyinxalenye nemeko yeyunivesithi. Xa sijonga imeko yedolophu yaseStellenbosch, imida ephakathi kwekhampasi nedolophu ayibekwanga ngokwesigxina, kangangokuba oku kuza kuba nefuthe kwindlela ekuya kulungiswa ngayo okubonwayo. Nangani kunjalo ke, ukuvezwa kokulungiswa kwembonakalo kwimizobo yobugcisa, kwimiqondiso nakumagama, zisuka nje kufuneka kwamkele kwaye kubhiyozele ezo mpawu zinxamnye neyunivesithi. Ukongeza koku, kufuneka iphulo elinje likhuthaze amaqhina ozakuzelwano nentsebenziswano phakathi kweSU nedolophu yaseStellenbosch.

## 2. Ukuphunyezwa kwalo mgaqonkqubo

2.1 Lo mgaqonkqubo, kuquka nemimiselo kwanemigaqo eza kuhamba nawo, iya kuzenzekela ukuba ibandakanye onke amalungu abasebenzi (kuquka lawo asisigxina nalawo angxungxayo) nasebenza kwimibutho yabaphathi beYunivesithi, kumacandelo ezemfundo nakwimimandla ejongene nenkxaso ngokwasemsebenzini; uza kubabandakanya nabo bonke abafundi kwanamalungu emibutho yeyunivesithi esemthethweni, kwanamalungu eenkampani okanye amacandelo omthetho aphantsi kolawulo lweYunivesithi, macandelo lawo abandakanyekayo ekulawulweni kwamaxwebhu omgaqonkqubo nawolawulo lweziko.

2.2 Eminye imigaqonkqubo namaxwebhu olawulo aza kuveliswa emva komhla wokupasiswa nokwamkelwa kwalo mgaqonkqubo, kwaye kuza kufuneka ihambelane ncakasana nawo.

2.3 Umgaqonkqubo okhoyo kwanamaxwebhu olawulo akhoyo ziza kutshintshwa ukuze ihambelane ncakasana nomgaqonkqubo oza kube uxoxwa kwinkqubo yohlaziyo eyenzeka ngokubanzi okanye ecwangcisiweyo kwisithuba seminyaka emithathu emva kokwamkelwa kwalo mgaqonkqubo.

## 3. Unobangela walo mgaqonkqubo

3.1 Kukusebenza njengoluhlu lwezikhokelo jikelele ezijongene nesakhelo esibanzi esiphathelele ekuthathweni kwezigqibo ezimalunga nokulungiswa kwembonakalo eSU.

3.2 Kukuqinisekisa ukuba abaxumi abachaphazelekayo bathatha inxaxheba ekongezweni okanye ekususweni kwemiqondiso, ekuthiyweni okanye ekuthiyeni ngokutsha kwezakhiwo, iindawo nezinye izixhobo nakwimihlaba yaseSU, ekutshintshweni

kwemimandla erhangqe izakhiwo kwanezinye iindawo, kuquka nasekunikweni kwengqwalasela okanye ekugunyazisweni kwemisebenzi eseza kwenziwa nenxalenye yokwakhiwa.

3.3 Ukuzuza igalelo neengcebiso zeengcali eziphuma kubaxumi bethu bangaphakathi kwanabo bangaphandle.

3.4 Ukukhuthaza iingxoxo ezikhwencayo phakathi kwababafundi nabafundisintsapho, kwaye ukuba likho ithuba, ezi ngxoxo zibandakanye noluntu ngokubanzi malunga neendlela yokulungiswa kwembonakalo okukhuthaza ngazo ubandakanyeko, intlonipho nesidima.

3.5 Ukulawula umsebenzi weKomiti yoThiyomagama neKomiti yokuLungiswa kweMbonakalo, ziikomiti eziza kucebisa imibutho elawulayo eSU (kuquka neBhunga leengqonyela).

## 4. Iinjongo zalo mgaqonkqubo

4.1 Ukulawula nokukhokela zonke iinkqubo zokulungiswa kokubonwayo/kwembonakalo eSU, kuquka neenkqubo ezikhuthazwa sisigqeba soLawulo saseSU kunye neenkqubo ezisungulwe ngamanye amacandelo.

4.2 Ukulungisa ngokugqibeleleyo ukuthiywa kwanokuthiywa ngokutsha kwezakhiwo neendawo phantsi kwesakhelo esibanzi sokulungiswa kwembonakalo, senzo eso siya kukhokelela ekubeni inkqubo yothiyo nokuthiya ngokutsha yaseSU ibe yegqibeleleyo kwaye ibe yenesikhokelo esisiso.

4.3 Ukubandakanya izikhokelo noshicilelo lwamafa angaphakathi.

4.4 Ukunika abantu ngabanye kwanamacandelo athile izikhokelo (amacandelo afana namasebe, iifakhalthi, amabhunga, amaziko kuquka nawo onke amaziko ajongene noxanduva lwemisebenzi), abe la macandelo ejongene nokusungula, ukuphuhlisa, ukuphucula, ukusingatha nokumilisela iinkqubo zokulungiswa kwembonakalo.

4.5 Ukukhuthaza ingxoxo ekhwencayo kwiindawo zeYunivesithi zokufundisa nokufundela.

4.6 Ukukhokela imigaqo nendlela esebenza ngayo iKomiti yokuLungiswa kweMbonakalo.

4.7 Ukuqinisekisa ukuba ukulungiswa kwembonakalo (indlela ekumiliselwa ngayo) kubekwa elubala kuze kuvumele nengxoxo mpikiswano ngaphakathi nangaphandle ekhampasini.[4]

4.8 Ukuqinisekisa ukuba umgaqonkqubo uyaqwalaselisiswa uze uhlaziywe ngomhla wokugunyaziswa kwawo obekelwe inkqubo yokwamkelwa kwawo kuquka namaxwebhu olawulo.

4.9 Ukuveza ulwalamano phakathi komgaqonkqubo namanye amaxwebhu olawulo ndawonye namaxwebhu ayinxalenye nalo mgaqonkqubo, ukuze kuyilwe indlela yokuchonga okanye ukususa uphindaphindo olunokuvela okanye olungeyomfuneko phakathi komgaqonkqubo lo namaxwebhu olawulo.

4.10 Ukuqinisekisa ukuba kukho ulungelelwaniso olungcono nokuchongwa okanye ukususa iindima noxanduva oluphathelele kumgaqonkqubo kunye namaxwebhu olawulo.

## 5. Imigaqo yalo mgaqonkqubo

5.1 Imisela izigunyaziso ezithiwe thaca kwisiCwangciso seNguqu saseSU, kuvele apho ke ukundindana nesicwangciso.[5]

5.2 Ibandakanya iinkqubo ezinxamnye nokuthiywa kwezakhiwo, iindawo zeendibano nezinye izixhobo kunye nemihlaba yaseSU.

5.3 Inika iSU igunya lokuqwalasela kwakhona nangaliphi na ixesha amagama azo naziphi izakhiwo zeYunivesithi, iindawo zeendibano nezinye izixhobo kunye noko kukumhlaba

---

[4] `Ngaphandle ekhampasini’ ibhekiselele kwiingxoxo zikawonkewonke ezingaphandle eYunivesithi, umz. iindibano phakathi kwekhampasi yaseStellenbosch nedolophu yaseStellenbosch.

[5] Oku kubeka umgaqonkqubo kumjelo wenguqu eqhubekayo eSU, nto leyo ithetha ukuba amaphulo enguqu awaphelelanga nje ekubeni kumgaqonkqubo; koko, umgaqonkqubo kufuneka uwakhuthaze amaphulo akumile kunje.

weSU, imiqondiso (kuquka nemifanekiso eqingqiweyo), iimpawu zasekhampasini kunye nezinye iimpawu ezichaza ngeziko eli.

5.4 Ukuba kwenziwe isindululo sokuthiya isakhiwo ngegama lomntu othile, kumele kuqinisekwe ukuba ubomi balo mntu, imisebenzi kwanemitsi yakhe, azichasenanga neenqobo ezingundoqo zeSU.

5.5 Ukuqinisekisa ukuba ukuthiywa kwezakhiwo, iindawo zeendibano nezinye izixhobo kwanemihlaba yaseSU, zibe zithiywa ngamagama eenkampani okanye imveliso ethengiswayo, oku kulawulwa ngobunono obukhulu ukuze kuthintelwe umngcipheko ohambelana nokuhlazwa kwegama leziko.

5.6 Ukuqinisekisa ukuba inkqubo yokulungiswa kokubonwayo nokuthiya amagama ihambelana nezakhelo zemithetho esetyenziswayo kulawulo loovimba abajongene namava.

5.7 Ukuqinisekisa ukuba ukumiselwa komgaqonkqubo kusekelwe kubudlelane obunentsebenziswano necandelo lophando leYunivesithi, ifuthe lezentlalo, kuquka nezigunyaziso zokufundisa nokufunda kwanokulungiswa kokubonwayo okuhambelana neenkqubo kwaneenjongo zobuchule beenkqubo zeYunivesithi.

5.8 Ukuqinisekisa ukuba inkqubo yokulungiswa kokubonwayo (nokuba kubandakanya inkqubo yentsebenziswano okanye eyokumilisela) yenzeka ngenxalenye neenqobo zaseSU kwaye imeko yembali engeSU ithathelwa ingqalelo.

5.9 Ukuyithathela ingqalelo into yokuba iinkqubo zokulungiswa kwembonakalo ziza kuba negalelo kwifuthe nasekusetyenzisweni kwezixhobo ezithile zokusebenza eSU, zixhobo ezo ziquka indawo engaphambili kwizakhiwo, amasango, neendawo zikawonkewonke okanye zoluntu.

5.10 Ukuthathela ingqalelo uzinzo ngokubhekiselele kumafa angolwakhiwo, ukulungiswa komhlaba, ixabiso lobugcisa kwanemimandla esingqongileyo.

5.11 Ukuthathela ingqalelo ukufikeleleka nokuzinza kweeprojekthi neenzame zoyilo ezijolise ekulungiseni imbonakalo.

5.12 Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zokulungisa imbonakalo/okubonwayo zibeka iSU kwindawo entle njengeyunivesithi ekwinqanaba eliphezulu ehlabathini nakwizwekazi leAfrika. Ngoko ke, iSU kufuneka ingacezeli kwimeko-bume yeNtshona Kapa, eyoMzantsi Afrika neyezwekazi. Idolophu yaseStellenbosch[6] iyinxalenye ekhethekileyo kwingxam yeziko laseSU. Obu budlelane phakathi kweSU nemeko (nendawo) kufuneka ivezwe kakuhle kubugcisa, kwimiqondiso (kuquka nemifanekiso eqingqiweyo), iintlobo zolwakhiwo, ukuwongwa kwabantu abathile, iinkqubo zokunxibelelana noluntu ezijolise ekuphiliseni amanxeba odandatheko oludalwe zizehlo zamandulo, njalo njalo.

5.13 Ukuqinisekisa ukuba ukulungisa okubonwayo kuzotywa luthatho nxaxheba olunganyanzelwayo kunye neenkqubo ezizalwa ziingxoxo ezihamba nentsebenziswano nokuvumelana, ukuze kudaleke imeko yekhampasi ekholose ngobumbano, ubandakanyeko lomntu wonke, negxile kwintlonipho ejolise kumntu wonke.

5.14 Nangona ke inkqubo esesikweni yothatho nxaxheba loluntu kumele ingasetyenziswa njengesidingo sazo zonke iinkqubo eziyinxalemnye nokuthiya okanye ukuthiya ngokutsha izakhiwo kwaneeprojekthi zokulungisa imbonakalo, kube oku kuvuselela ukwenzeka kweenkqubo zokusebenzisana nokunxibelelana noluntu lonke.

5.15 Ukusebenzisa ubungcaphephe bezemfundo eSU nakumanye amaziko ekuthiyeni okanye ekuthiyweni ngokutsha izakhiwo, kubandakanya neenkqubo zokulungisa imbonakalo.

5.16 Ukuqinisekisa ukuba ukulungisa imbonakalo eSU kunegalelo kwicala lezemfundo kangangokuba kwayamene nemisebenzi ejongene nemfundo nekharityhulam. Izihloko zophando ezinokubakho malunga nokulungiswa kokubonwayo, umzekelo, kufuneka

---

[6] Oku kumele kusebenze nakwimbali ethile nakwiimeko ezithile zeedolophu ezineekhampasi zaseSU, umz. eTygerberg, eBellville, eSaldanha naseVostile.

ziqwalaselwe ukuze kubetheleleke uphando kummandla wokulungisa ngokutsha imbonakalo.

5.17 Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zokulungisa okubonwayo zinika ingqwalasela egqathu kumgaqonkqubo wolwimi waseSU kuquka neelwimi ezahlukileyo zoMzantsi Afrika.

5.18 Ukuqinisekisa ukuba kukho ifuthe elintlandlumbini ngokuphathelele ekuthiyeni nasekuthiyweni ngokutsha:

5.18.1 Ukuthathela ingqalelo utshintsho lokulungiswa kwembonakalo malunga nokuthiywa okanye ukuthinywa ngokutsha, amathuba nezicelo ezihambelana noku.

5.18.2 Ukuphuculwa kwamathuba otshintsho okulungisa okubonwayo nokuthiya okanye ukuthiya ngokutsha kwanamathuba azo zonke iindawo zaseSU.

5.19 Ukuphuhlisa iinkqubo ezigqibeleleyo ezingokuthiya amagama nokulungisa imbonakalo, kube kuhambelana kwaye kwamkelwe liBhunga leeNgqonyela, ngeenjongo zokuba kusetyenziswe lo mgaqonkqubo.

5.20 Ukuhlola isicelo ngasinye okanye isindululo ngasinye sokulungiswa kwembonakalo ngohlobo olufanelekileyo naxa kunyanzelekile, nto leyo ibandakanya amathuba okufumana izibonelelo (kuquka nezibonelelo ngezimali) okanye umhlangano wesidingo esithile esele kugqitywe ngaso. Izigqibo kufuneka zikhokelwe yimiqathango yomgaqonkqubo eyinxalenye neenqobo zaseSU.

5.21 Ukunikeza iBhunga leeNgqonyela amandla okuchonga abo baza kujongana neenkqubo zokulungiswa kwembonakalo kwanokuthiywa kwezakhiwo.

## 6. Isivumelwano sokusonjululwa kwempixano

Impixano enokuvela kulo mgaqonkqubo iza kusonjululwa kulandelwa amajelo aqhelekileyo olawulo kwimibutho ekhoyo apha eSU.

## 7. Ukulawulwa kwalo mgaqonkqubo

### 7.1 Iindima

Umnini walo mgaqonkqubo liSekela-Nqununu: IFuthe kwezeNtlalo, iNguqu nezabaSebenzi. Abona bantu bangababhexeshi (abagcini mafa) balo mgaqonkqubo: nguMlawuli oyiNtloko kwicandelo leFuthe kwezeNtlalo neNguqu kunye noMbhalisi.

Ukumiselwa komgaqonkqubo kukhokelwa kuze kuphonononongwe yiKomiti yaseSU yokuLungiswa kweMbonakalo, neza kusebenza ngokuphathisana neKomiti yoThiyomagama. Umgaqonkqubo uza kuxhasa iindima nemisebenzi yeenkalo ezintathu, nezizezi: iFuthe kwezeNtlalo neNguqu, iCandelo loMbhalisi nelo loLawulo lweziXhobo zeziko.

### 7.2 Ukuphunyezwa nokubekwa esweni kwalo mgaqonkqubo

Umnini nabo bajongene nokubhexeshwa komgaqonkqubo banoxanduva lokwakha ulawulo oluyimfuneko ukuze kubekwe esweni ukumiselwa kwawo. Ngokwale meko, uMbhalisi ngumbhexeshi wokuqala ekumiselweni kokuthiya nokuthiywa ngokutsha kwamagama eSU. UMlawuli oyiNtloko: IFuthe kwezeNtlalo neNguqu, nguye ongumbhexeshi wokuqala ekumiselweni kokulungiswa kweMbonakalo.

Lo mgaqonkqubo usebenza kuzo zonke iinkalo zeYunivesithi, kuquka neefakalthi kwanemimandla yemiSebenzi, uLawulo neeNkonzo zenkxaso.

Yonke eminye imigaqonkqubo yeSU kufuneka ifunde lo mgaqonkqubo kunye nemithetho eza kusebenza kamsinya emva kokwamkelwa liBhunga.

**8. Ukunika ingxelo**

Ifuthe lomgaqonkqubo, ngokundindeneyo nenkqubo yokulungiswa kwembonakalo, kuza kunikezwa ingxelo ngazo kula maqumrhu alandelayo:

- kwiBhunga leeNgqonyela / iBhunga elilawulayo
- kwiKomiti yeNguqu yeZiko
- kwiQonga leziko
- KwisiGqeba esongameleyo (kwingxelo yonyaka kaSekela-Nqununu: iFuthe kwezeNtlalo, iNguqu nezabaSebenzi)
- IBhunga (kwingxelo yonyaka kaSekela-Nqununu: iFuthe kwezeNtlalo, iNguqu nezabaSebenzi)

**9. Ukupapasha**

Lo mgaqonkqubo upapashwa kuxwebhu lukawonkewonke olupapashwa kwiwebhusayithi yeSU. Umgaqonkqubo wamkelwa liBhunga emva kokubonisana neQumrhu lolawulo neQonga leZiko.

**10. Uhlaziyo**

Umgaqonkqubo kufuneka uphonononongwe, kwaye ukuba ikho imfuneko, uhlaziywe nokuba kukanye rhoqo kwisithuba seminyaka emihlanu. Ngenxa yemo yalo mgaqonkqubo nefuthe ojolise kulo, uphonononongo olubanzi nenkqubo yohlaziyo kufuneka ilandelwe xa kukho isidingo.

**11. Amanyathelo athathwayo xa ungathotyelwa**

Ukungathotyelwa kwalo mgaqonkqubo kujongwana nako kulandelwa imigaqonkqubo yeYunivesithi, kuxhomekeke kwimeko yokungathotyelwa kwawo.

**12. Isigama esingundoqo**

Ngokuphathelele nalo mgaqonkqubo, isigama esingundoqo sichazwa ngolu hlobo:

**Ukulungisa**
Ukubeka ngendlela (ukulungisa), ukwenza into ilunge (ukubuyisela), ukususa imbangi yesikhalazo okanye isimangalo, kuquka nokulungisa into ngokuthe ngqo (ukuphindezela) – *Isichazimagama iMerriam-Webster*

**Ukulungiswa kweMbonakalo eSU**
Kujolise ekulungisweni kweziphene zombuso wangaphambili nowangoku ngokuthi kususwe imiqondiso evisa buhlungu (umzekelo, ucalucalulo), ukusilela kobulungisa entlalweni nokungasiwa so kwabantu abathile, kuquka nokudambisa ubuhlungu obenziwa yile miqondiso ibonwayo, ngokuthi kosulwe iinyembezi ngokubuyekezwa ngemiqondiso emitsha yembonakalo eza kukhokelela ekubandakanyweni kwezimvo ezahlukileyo, amabali, ubuqu bobuntu neemveli eziyinxalenye neenkqubo zokwakha ngokutsha nezidala umoya wobunye eSU.

**Inguqu eSU**

Yinkqubo yotshintsho olungundoqo egunyaziswayo neyilelwe oku kulandelayo, iindawo zeYunivesithi, abantu kwaneenkqubo ezenziwa ngokugunyazisa, iintshukumo, izicwangciso nemigaqonkqubo yeYunivesithi (jonga kwisiCwangciso seNguqu [2016]).

**Inguqu engeenkqubo ezithile eSU**
Inkqubo yenguqu nokuhlaziywa kwazo zonke iinkalo zobomi beYunivesithi, nkalo ezo ziza kuba negalelo ekuzeni nenguqu entlalweni. Ngoko ke, le nguqu iquka nenguqu apha eYunivesithi kunye nenguqu eziswa yiYunivesithi (jonga kwisiCwangciso seNguqu [2016]).

**Iyantlukwano**
Ibandakanya iintlobo zobugcisa, imiqondiso, ulwakhiwo neminye imifuziselo enesabelo esingathintelwayo kwimbali etyebileyo nakumafa enkcubeko yaseStellenbosch, eNtshona Kapa, eMzantsi Afrika nakwizwekazi leAfrika (bhekiselela kuxwebhu lweQela eliJongene nokuLungiswa kweMbonakalo/kokuBonwayo [2018]).

**Ukubhangiswa kobukoloniyali eSU**
Ukubhangiswa kobukoloniyali entlalweni nakwiYunivesithi kugunyazisa ukuxatyiswa komntu ngokungafaniyo 'nakwimeko yobukoloniyali yokwahlulwa kwabantu' kuquka nokuxatyiswa kwakhona kolwazi ukuze kubekwe izwekazi leAfrika kweyona ndawo ixabisekileyo nethembekileyo yokuveliswa kolwazi lweAfrika. Oku kuquka nokuphucwa kwamalungelo obulungisa ngokwentlalo noqoqosho, meko leyo ikhokelela ngqo ekubeni obu bukoloniyali bebugciniwe, buqatshelwe kwaye bulungiswe. Ukusitshulwa kweengcambu zobukoloniyali buyimeko ecela umngeni kugonyamelo lobuntu, ulwazi namandla azinze kwiingcambu zaseYurophu (jonga kwizindululo ezenziwe liQela eliJongene nokuBhangiswa kobukoloniyali kwiKharityhulam yeYunivesithi yaseStellenbosch [31 Julayi 2017]).

**Ukubhangiswa kobukoloniyali ezindaweni**
Amanyathelo okulungisa asebenzisa iindlela ezizezinye ekuzinziseni imeko yobandakanyeko "apho abantu bahlanganayo, bathethe, babelane ngezimvo, nalapho kwakhiwa khona ubuqu bababantu kwaneendlela zokuphila." (Bianchini, 1999:49) ukubangela ukuba amasiko ohlukileyo akhule aze aphuhle. Iindawo ekumele kubhangiswe kuzo ubukoloniyali ziquka iindawo zothungelwano, imiqondiso, iiofisi, izakhiwo, iindawo zolwakhiwo, izixhobo zokusebenza, iifoto kunye nemifanekiso eqingqiweyo; kwaye oku kuphunyezwa ngeenkqubo zokwabelana ngeengxoxo nangemveliso.

**13. Amaxwebhu axhasayo**

| **Inombolo yomqulu.** | **Igama loxwebhu** | **Imo**<br>(umz. uchongiwe, usaqwalaselwa okanye wamkelwe) |
|---|---|---|
| | Izindululo zeqela elityunjiweyo ngokubhekiselele ekubhangisweni kobukoloniyali kwikharityhulam yeYunivesithi yaseStellenbosch | **Wamkelwe** |
| | Umgaqonkqubo ongokuthiywa kwezakhiwo, iindawo nezinye izixhobo/imihlaba yeziko (magama lawo aza kujikwa nguMgaqonkqubo wokuLungiswa kweMbonakalo/kokuBonwayo) | **Wamkelwe** |

